


**NguMongameli
Henry B. Eyring**
Isekela LokuQala
kwisiMongameli
SokuQala seCawa



Abahlobo abanokholo AbaThembekileyo

Esinye sezipho uMsindisi anokusinika zona kukuba asibize “abahlobo bakhe.” Siyayazi ukuba Uyasithanda ngothando olupheleleyo bonke abantwana bakaThixo. Ze abo abaye banokholo bathembekileyo enkonzweni yabo kunye Naye, Ubagcinela esisihloko sikhethekileyo. Niyawakhumbula la mazwi akwicandelo 84 leMfundiso neMinqophiso: “Kwaye Ndithi kuni, bahlobo bam, ukususela ngoku ukuya phambili Ndiyakunibiza abahlobo bam, kuluncedo ukuba Ndininike lo mthetho, ukuba nibe nje ngabahlobo bam ngezantsuku eNdandikunye nabo, singabahambi abathatha uhambo bayokushumayela ngamandla am” (Imfundiso Neminqophiso 84:77).

Siye sibe ngabahlobo Bakhe xa sikhonza ngokunceda abanye abantu ngenxa Yakhe. Ungumzekelo ogqibeleleyo wentlobo yomhlobo ekufanele ukuba sibe nguye. Abantwana baka Bawo wethu waseZulwini Ubafunela into eyeyona intle kakhulu. Ulonwabo lwabo lulonwabo Lwakhe. Uyaluva unxunguphalo lwabo njengonxunguphalo Lwakhe ngokuba Walihlawula ixabiso lwezono zabo zonke, awazithathela Kuye zonke izigulo zabo, wathwala zonke iingxaki zabo, kwaye waziva ints-welo zabo abakulangazelelayo. Iinjongo zakhe zinyulu. Akafuni kukwaziwa ngenxa yokuba Efuna kodwa kodwa ngenxa yokunika uBawo Wakhe waseZulwini uzuko lonke. Umhlobo ogqibeleleyo, uYesu Krestu, uyazinikela

ngokupheleleyo ekunikeni ulonwabo kwabanye.

Umntu ngamnye kuthi owenze umnqophiso woku-bhaptizwa uthembisile ukulandela umzekelo Wakhe wokuba sithwalane njengokuba Yena enokwenza njalo (bona Mozaya 18:8).

Kwezintsuku zimbalwa zilandelayo uyakuba namathuba amaninzi okuba ngumhlobo ngenxa Yakhe. Kunokuba xa uhamba endleleni enothuli. Kunokuba xa uhlala phantsi emotweni endleleni. Kuno kuba xa ukhangela indawo yokuhlala kumhlangano weCawa. Ukuba ubukele, uyakubona umntu ephethe umthwalo onzima. Ingangumthwalo wonxunguphalo okanye womvandedwa okanye womsindo. Kungabonakala kuwe ukuba uwuthandazele uMoya ukuba akunike amehlo okubona iintliziyo kwaye uthembisile ukuny-
usa izandla eziwa phantsi.

Impendulo yomthandazo wakho ingabubuso bomhlobo wakho omdala, lo owagqibela kudala ukum-bona kodwa onentswelo eziveske zifike nje engqondweni yakho nase ntliziyweni kwaye uve ingathi zezakho. Yakhe yenzeka lonto kum. Abahlobo abadala bayebafikelela kum ngaphaya kweekhilomitha kunye neminyaka bezokun-dipha inkuthazo xa yayinokuba nguThixo qha owaye-nokubaxelela ngomthwalo wam.

Abaprofeti abaphilayo bakaThixo basicelile ukuba sibe ngabahlobo abathembekileyo kwabo abaza eCaweni

njengabaguqukayo kwaye niye kusindiso lwabo abasukileyo bahamba. Singayenza lonto, kwaye siyakusoloko siyenza ukuba sikhumbula uMsindisi. Xa sifikelela kwabanye sibanika uncedo kwaye siphungula umthwalo, Ufikelela kunye nathi. Uyakusikhokelela kwabo abasweleyo. Uyakusisikelela ukuba sive into abayivayo. Njengokuba siqhubekeka kwiinzame zokubakhonza, siyakukwazi ngakumbi nangaphaya ukuphiwa isipho sokuva uThando Lwakhe analo ngakubo. Lo nto iyakukusinika ubukhalipha kunye namandla okufikelela kwakhona nakwakhona ngokholo nethemba.

Kwaye, exesheni kunye nakunaphakade, siyakuvalonwabo lokwamkelwa ebukhweni babahlobo Bakhe abanokholo nethemba. Ndiyayithandazela loo ntsikelelo ukuba sonke siyifumane kunye nabo esiya kubakhonza.

UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

Amalungu osapho angathanda ukuthatha inxaxheba enentsingiselo xa becelwa ukuba bajonge into njen-gokuba bekhangelela izibhalo ezingcwele kunye namazwi abaprofeti (bona *Teaching, No Greater Call* [1999], 55). Njengokuba ulifunda elicwecwe, cela amalungu osapho ukuba babandakanye imigaqo eyakubanceda ukuba bafanele ukubizwa umhlobo weNkosi.

Teaching, No Greater Call iyachaza: "Ukuba ninothando olufana nolukaKrestu, niyakulungiselelwa kakuhle ukuba nifundise ivangeli. Niyakuphemelelwa ukuba nincede abanye bazi uMsindisi kwaye baMlandele" (12). Bonani kwelicwecwe imigaqo enokukunceda ukuba ngumfundisi makhaya obhetele. Xoxani ngezi zinto kunye neqabane lakho, kwaye ngomthandazo cingani ngokuba ningaba "ngabahlobo abanokholo abathembekileyo" njani na kwabo enibakhonzayo.

ULUTSHA

Indoda Entsha

Ngu Matthew Okabe

Ndandinexesha elinzima ndiziva ingathi andin-
geni ndawo. Usapho lwam lwalusandul' uku-
fuduka lwaya ezilalini. Isebe leCawa esafikela kulo
lwalunolutsha olukhulu, kodwa eli yayilixesha lokuqala
endandizakuba yindoda entsha." Eyona nto eyay-
imbi yayikukuba kwakufanele ukuba ndiye kwisikolo

esitsha, kwaye looncinga yalenyenza ngoko na ngoko
engqondweni yam, "Ndizakuhlala nabani na ngexesha
lokutya emini?" Umhlawumbi Ndandizakubona umntu
osuka ecaweni, kodwa Ndandingafuni ukuvela ndifike nje
ndiphazamise omnye etafileni yakhe yokutya, ingakumbi
njeba Ndandingayazi ukuba bayakundifuna na apho!

Usuku lwam lokuqala esikolweni yayingathi iyatsala
ithatha ixesha elide. Ekugqibeleni intsimbi yexesha luty-
a isidlo sasemini yakhala. Njengokuba Ndacotha ukun-
gena kwigumbi lokutyela, Ndathandaza ukuba uBawo
waseZulwini andincede ndifumane umntu endimaziyo.
Ndaqwalasela ndakhangela ukuba kwakungekho mntu
na endimaziyo. Hayi kwakungekho mntu. Ngoko ke nda-
hamba ndaya etafileni eyayikude ecaleni kweloo gumbi
kwaye ndatya ukutya kwam kwemini.

Emva kwexesha ngaloo mini kwiklasi yezibalo, Ndabona
ubuso obuqhelekileyo. Ndandimbonile uDavid kwizifundo
zolutsha ekuseni ngaloo ntsasa. Wacela ukubona ucwang-
ciso lwexesha lam lesikolo kwaye wafumana ukuba sob-
abini sasisitya isidlo sasemini ngexesha elinye. "Hey, ubuphi
ngexesha lesidlo sasemini namhlanje?" watsho.

"Ndiyityele ecaleni kude egumbini lokutyela,"
Ndaamphendula.

"Kulungile, ngomso iza uzokuhlala ngexesha lotya,"
watsho.

Ndinombulelo ngoBawo waseZulwini onothado,
osaziyo sonke kunye neentswelo zethu umntu ngamnye
kwaye owuphendulayo umthandazo womntu ngamnye.
Kwaye ndinombulelo ngomntu oye wabanomdla woko-
lula isandla sobuhlobo. Into elula njengesimemo ingenza
umahluko omkhulu.

ABANTWANA

UYesu Krestu, Umhlobo Wethu Ogqibeleleyo

UMongameli Eyring wathi uYesu ungumhlobo
wethu ogqibeleleyo. Nazi ezinye iindlela uYesu
asibonisa ngazo ubuhlobo Bakhe obupheleleyo kuthi.

Usifunela eyona nto intle kakhulu.

Uyonwaba xa sonwabile.

Uva unxunguphalo xa singonwabanga okanye sisiva
buhlungu.

Wasokola ngenxa yezono zethu ukuze thina sikwazi
ukubuyela kuBawo wethu waseZulwini.

Ukuba nguMhlobo kaYesu

UMongameli Eyring wathi singakwazi ukuba ngabahlalo bakaYesu ngokuba sibengabahlalo babanye ngenxa Yakhe. Zoba umfanekiso wezindlela zine ongakwazi ngazo ukuba ngumhlobo.

Unganceda umntu ongonwabanga.
Ungakwazi ukuba ngumhlobo womntu oziva eyedwa.
Ungamema umntu ukuba aze ecaweni.
Ungasoloko umkhumbula uYesu.



Ukomeleza lintsapho kunye naMakhaya

Funda esi sixhobo, kwaye ngokufanelekileyo, xoxa ngaso noodade obandwendwelayo. Sebenzisa imibuzo ukukunceda ukuba womeleze oodade bakho kwaye wenze Umbutho woMama ubeyinxenye esebenzayo ebomini bakho.

Kwizibhalo eziNgcwele: Genesisi 18:19; Mozaya 4:15; Imfundiso Neminqophiso 93:40; Mozisi 6:55–58

Ukomeleza kulo Lonke Ithuba

“Umntu ngamnye kuthi ukwi meko eyahlukileyo yosapho. Ezinye iintsapho zinomama kunye notata nabantwana ekhayeni. Amanye amaqabane athandanayo abakwazi ukuba nabantwana ekhayeni. Amalungu amaninzi eCawa awatshatanga, kwaye abanye bangabazali abangatshatanga. Abanye bangabahlolokazi nabahlolo bahlala bodwa.

“Nokuba usapho lwethu lukhangeleka njani na, umntu ngamnye kuthi angasebenza omeleze iintsapho yakhe okanye ancedise ukomeleza ezinye iintsapho.

“[Ngelinye ixesha] Ndandihlala kwikhaya lomtshana wam oyintombazana kunye nosapho lwakhe. Ngenjikalanga yaloomini phambi kokuba abantwana bahambe bayokulala, saba nenjikalanga yasekhaya yosapho emfutshane. Utata wabo wabaxelela ngosapho lukaLehayi kwaye nohlobo awabafundisa ngalo abantwana bakhe ukuba kufanele ukuba babambelele kakhulu baqinise ukubambelela kwintonga yentsimbi, eli lizwi likaThixo. Ukubabembelela ngokuqinileyo kwintonga yentsimbi kuyakubagcina bekhuselekile kwaye kubakhokelele kuvuyo nasekonwabeni. Ukuba bayayiyeka intonga yentsimbi, kwakukho ingozi yokuba

bantywile emlanjeni onamamanzi amdaka.

“Ukubonakalisa oku ebantwaneni, umama wabo waba ‘yinto yentsimbi’ ekwakufuneka bancamathele kuyo, ze utata wabo wadlala idawo yoba ngumtyholi, ezama ukutsala abantwana abasuse ekhuselweni kunye nasekonwabeni. Abantwana balithanda elibali kwaye bafunda indlela ekubaluleke ngayo ukubambelela kwintonga yentsimbi. Emva kwebali lesibhalo esingcwele yayilixesha lokuba kuthandazwe. . . .

“Izibhalo ezingcwele, iinjikalanga zasekhayeni zosapho, kunye nomthandazo wosapho uyakomeleza iintsapho. Kufuneka ukuba sithathe lonke ithuba esinalo ukomeleza iintsapho kwaye sixhasane ukuba sihlale endleleni elungileyo.”¹

Barbara Thompson, isekela lesibini kwisiMongameli soMbutho woMama sajikelele.

Kuphuma kwiMbali Yethu

Ukususela kwasekuqaleni Umbutho woMama ube nomsebenzi wokomeleza iintsapho kunye namakhaya. Umprofeti Joseph Smith wafundisa oodade kwintlanganiso yakusasa yoMbutho woMama, “Xa ugoduka, ningaze nithethe kubayeni benu ilizwi elicaphukileyo nelikhohlakeleyo, kodwa vumelani ububele, uthando lukaYesu olupheleleyo, kwaye nothando lubesisithsaba kwimisebenzi yenu ukubheka phambili.”²

Ngomnyaka ka1914 uMongameli Joseph F. Smith waxelela oodade boMbutho woMama, “Naphina apho kukho ukungakhathali okanye ukungaqondi izinto ezidibene nosapho, . . . apho lombutho ukho okanye ukufutshane usondele, kwaye ngeziphwiwo zendalo kunye nempebelelo eyeyalo mbutho bayalungiselelwa kwaye bakulungele ukufundisa malunga naloo misebenzi ibalulekileyo.”³

IZIKHUMBUZO

1. Barbara Thompson, “His Arm Is Sufficient,” *Liahona*, Meyi 2009, 84.
2. *Imfundiso zooMongameli beCawa: Joseph Smith* (2007), 369
3. *Imfundiso zooMongameli beCawa: Joseph F. Smith* (1998), xiv, 21–22

Singenza ntoni?

1. Ngeziphii iingcebiso zokomeleza iintsapho kunye namakhaya ongabelana ngazo noodade bakho? Njengokuba ucingisisa ngemeko yodade ngamnye, uMoya ungazisa iingcebiso engqondweni yakho.
2. Ngeziphii izinto ezibalulekileyo zokuqala ongazitshintsha kulenyanga ukuze womeleze bhetele usapho lwakho kunye nekhaya lakho?

Ukufumana ulwazi olwangezelekileyo, iya ku www.reliefsociety.lds.org.

© 2010 yi Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09. Isivumelo Sokuguqula: 6/09. Inguqulelo ka *Visiting Teaching Message*, July 2010. Xhosa. 09367 774